



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOZA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2019

ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

AMANQAKU: 120

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-13.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

IMIGAQO YOKUMAKISHA UVAVANYO LOKUQONDA

1. Ngenxa yokuba kugxininisa kukuqonda, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo kumele zingohlwayelwa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ukuqonda. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)
2. Ukuba umviwa usebenzisa olunye ulwimi olungelulo olu luvewayo, loo magama mawangananzwa, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, musa ukumohlwaya. Ukanti ke, ukuba igama elisetyenzisiweyo lisuka kolunye ulwimi kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuya kwamkeleka.
3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/Ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuqwalaselwe.
5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo **kuphela xa** igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.
6. Ukuba kufunwa iimpendulo ezimbini ukuya kwisithathu/amanqaku amabini okanye amathathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo, makisha **kuphela** isibini okanye isithathu **sokuqala**.
7. Kwamkele ukusetyenziswa kweelwimi zengingqi ezahlukileyo.
8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

- 1.1 1.1.1 Engamashumi amabini anesixhenxe✓/Engama-27✓/eyi-27.✓ (1)
1.1.2 YiBeta Sigma X.✓ (1)
1.1.3 Kuba ibonisa imifanekiso eneentshukumo.✓✓ (2)
1.1.4 Yenza kubelula ukuyiqonda iMaths.✓✓ (2)
1.1.5 Kuba basebenza ngeselula eyinto abayithandayo.✓ (1)
1.1.6 Waliphumelela kuba lo mhlathi uthi waliphumelela ngo-2007.✓✓/
Kuba lo mhlathi uthi waliphumelela eneminyaka eli-16.✓✓
[Nayiphi kwezi.] (2)
1.1.7 'esiyindumasi ngokweziphumo.'✓ (1)
1.1.8 'Wayengoyena mfundi uphumelele emagqabini kwiphondo
leMpuma Koloni liphela.'✓✓ (2)
1.1.9 YiVulamazibuko.✓ (1)
1.1.10 Kukuphelisa ingcinga yokuba iMathematics yeyabantu abathile
okanye sisifundo esinzima.✓ Kukuphelisa ukuba umntwana xa
kunzima ukuphumelela iMaths kuthiwe makenze iMathematical
Literacy.✓ (2)
1.1.11 Athethwa nguAthi ngqo kuba kusetyenziswe iimpawu
zocaphulo.✓/Usebenzisa u'ndi' ukubonisa ukuba uyazithethela.✓
[Nayiphi kwezi] (1)
1.1.12 zokuvelisa.✓ (1)
1.1.13 B.✓/Bambalwa abaphumelela iMathematics.✓ (1)
1.1.14 YINYANI kuba ulwazi lusekwe kuphando olwenziwe yiWorld
Economic Forum.✓ Luxhaswa ziinkcucha zeWorld Economic
Forum.✓ (2)
1.1.15 Isicatshulwa sithi babonakalise umdla.✓ (1)
1.1.16 Ngokuyidawunlowuda kuGoogle Play Store/kwiApp Store.✓ (1)

	KHOLAM A	KHOLAM B	
1.1.7	(a) Isidanga seActuarial Science	(ii) Yunivesithi yaseKapa.✓	
	(b) Grade 12	(i) St James Secondary.✓	(2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

UMBUZO 1.2

OKUBONWAYO

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 1.2 | 1.2.1 | Ikhompyutha√/itafile√/ikhabinethi yokufayilisha√/iifayili√.
[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| | 1.2.2 | Kukukhwela esitulweni esijikelezayo esingamwisa nanini.√/√/
Kukukhwela esitulweni efuna ukuthatha amanzi abilayo.√/√
[Nayiphi kwezi.] | (2) |
| | 1.2.3 | Bathathu.√ | (1) |
| | 1.2.4 | Kukulumkisa ngezenzo ezinobungozi ezenziwa ezi-ofisini.√/
Kukubonisa abantu izinto eziyingozi abazenza ezi-ofisini.√ | (1) |

AMANQAKU ECANDELO A: 30

Ukumakisha ushwankathelo

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
 - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
 - Amanqaku ama-3 olwimi.
 - Amanqaku ewonke: 10
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
 - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
 - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
 - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.
- **Ulwabiwo Iwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
 - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Akunikezwa manqaku olwimi.
 - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Kunikezwa inqaku eli-1 lolwimi.

QAPHELA:

- **Ifomathi:**
 - Nokuba isishwankathelo asilandelanga fomathi echanekileyo makanganyityelwa manqaku umviwa.
 - **Ubalo-magama:**
 - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
 - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
 - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda uggibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo, liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.
- (3)

AMANQAKU ECANDELO B: **10**

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Shwankathela ngokweengongoma usebenzisa izivakalisi ezipheleleyo

IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO		
1	'Ngeli xesha nisenomsindo nobabini, khanizinike ithuba lokuthothisa imisindo ... uye kwigumbi elilelinye okanye uyokwenza njee enye into.'	1	Zinikeni ithuba lokuhlisa imisindo ngabanye.✓	
2	'Ukucela uxolo kumzali yeyona nto ibalulekileyo enokuvulela iingcango ezivaliweyo.'	2	Cela uxolo ukuze nikwazi ukuthetha kwakhona.✓	
3	'Cela akucacisele malunga neyonayona nto imkhathazileyo, uzame ukumamela umamelisise ... Ungafumana ithuba lokucacisa elakho icala kokungavisani kwenu.'	3	Fumana eyona imkhathazileyo nawe unike elakho icala.✓	
4	'Kusenokwenzeka kuthi xa kanye nicaciselana nizibone nisilwa kwakhona. Xa kunjalo, phindani nithathe ikhefu, nibuye nithethe ngelinye ixesha.'	4	Xa ninokulwa nisacaciselana, phindani nizinike ithuba lokuthoba imisindo.✓	
5	'Zama ukuyamkela le meko nento ayikhalazelayo umzali.'	5	Yamkele imeko yokungavisani kwakho nomzali nesizathu soko.✓	
6	'Kuyimfuneko ukungoyiki ukuthetha ucacise indlela oziva ngayo ingakumbi xa unolovo lokuba uthathwe ungenabhola.'	6	Sukoyika ukucacisa naxa ucinga ukuba utsyholwa ngento ongayenzanga.✓	
7	'Xolela ulibale ukwenze oko unyanisekile.'	7	Yiba noxolo unyaniseke, kodwa uyidlulise le meko.✓	
(Amagama angama-90.)		(Amagama angama-47.)		(7)

ICANDELO C: ULWIMI

UKUMAKISHA ICANDELO C

1. Upelo
 - limpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
 - Kwiimpendulo ezizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
 - Xa uvavanyo iujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa iimpawu zobhalo zichanekile.
2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ngolu hlobo: Unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo, okanye zombini.

UMBUZO 3

- 3.1 B. **UBER-EATS + KFC ✓/B✓/UBER-EATS + KFC .✓**
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 3.2 Ungayidawunlowuda kuGoogle Play Store.✓/Ungayidawunlowuda kwi App Store.✓ (2)
- 3.3 KFC.✓/iimveliso zakwaKentucky.✓/Kentucky.✓
[Nayiphi kwezi.] (1)
- 3.4 Luthetha ukuba bamanyene.✓/Luthetha ukuba basebenza kunye.✓ (1)
- 3.5 Abathanda ukuthenga iKentucky benayo ifowuni enale App.✓/Abathanda ukuthenga iKentucky benayo ifowuni eneandroid.✓/Abantu abanale App okanye le fowuni besonqena ukuya ngeenyawo evenkileni bayokuzithengela.✓
[Nayiphi kwezi.] (2)
- 3.6 Ngokubonisa ukuba ungayithenga iKFC usebenzisa ifowuni.✓✓ (2)
- 3.7 Khawuleza.✓ (1)
[10]

UMBUZO 4

- 4.1 Liphepha lokubhalela✓/incwadi✓/usiba lokubhala.✓
[Nasiphi isibini kwezi.] (2)
- 4.2 Khawuncede.✓ (1)
- 4.3 Sesokuba ilizwi lomntu othethayo liphakamile.✓✓ (2)
- 4.4 Uthatha amagaqana omkhenkce ngonyawo.✓ (1)
- 4.5 Ithathwe kwiwebhu iwww.zitscomics.com.✓ (1)
- 4.6 Ngowokuba abantwana nabazali banezinto ezincinci abakruqulana ngazo behleli nje.✓/Ngowokuba umyalelo ongaphelelanga ungarolikwa nangayiphi indlela.✓
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)
- 4.7 Uwutolike kakuhle kuba uwulandele umyalelo wokungawathathi ngesandla amagaqana omkhenkce.✓✓/Uwutolike kakuhle kuba uLizo uyaphoxisa xa ethatha umkhenkce ngonyawo.✓✓

OKANYE

Akawutolikanga kakuhle kuba uLizo usebenzise iinzwane
ezikwaneentsholongwane endaweni yokusebenzisa isixhobo
esifanelekileyo.✓✓
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[10]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Andibathandi.✓ (1)
- 5.1.2 Umntwana.✓ (1)
- 5.1.3 Zisibhozo.✓ (1)
- 5.1.4 Kuba ligama lomntu.✓✓ (2)
- 5.1.5 Ndinemivuyo.✓ (1)
- 5.1.6 yeSilimela.✓ (1)
- 5.1.7 Izandla zaqhwaya ngabantwana.✓ (1)
- 5.1.8 Alaliswe.✓ (1)

- 5.1.9 Iza kufana nephupha kuye.√ (1)
Nguwe owaphuma phambili√/Yayinguwe owaphuma phambili. √ (1)
- 5.1.10 Makhulu, andisafuni ukuya eRhawutini.√ (1)
- 5.1.11 (a) Bhunxe.√
(b) Abethwe.√ (2)
- 5.2 5.2.1 Apile.√ (1)
- 5.2.2 Akakaggibi ukuthetha/√Ukuba unento aseza kuyithetha.√ (1)
- 5.2.3 Sama-apile.√ (1)
- 5.2.4 Silandela emva kwesimelabizo soqobo sokugxinisa.√ (1)
- 5.2.5 Isandla sam sibuhlungu.√
Umama sisandla sikitata ekhaya.√ (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO C: **40**

ICANDELO D: UNCWADI

IMIGAQO YOKUMAKISHA

1. Ukuba ukunombola iimpendulo akuhambelani nombuzo, makisha ngokukhokelwa yimemo.
2. Ukuba isiphene sopelo sichaphazela intsingiselo yempendulo efunekayo, oko kuthabathelwa amanqaku. Ukuba intsingiselo ayichaphazeleki, oko kumakishe njengokuchanekileyo.
3. Ukuba umviwa uphose ukusebenzisa iimpawu zocaphulo xa eyalelwe ukuba makacaphule, **musa ukumohlwaya**.
4. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga noluvo neengcinga zomviwa**, akukho manqaku anikwayo kwimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina ngento/nokuxhasa zizo ezimele ukuqwalaselwa.
5. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Isizathu/Ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ekumele ziqwälaselwe.

UMBUZO 6: SAKOHLULWA ZIINDUDUMO – Isaac Tau

- | | | | |
|-----|--------|--|-----|
| 6.1 | 6.1.1 | YiLovedale.✓ | (1) |
| | 6.1.2 | UnguMatroni.✓/ujonga abafundi.✓ | (1) |
| | 6.1.3 | 'unotrongo'.✓ | (1) |
| | 6.1.4 | Usisithandwa sakhe✓✓/UNomhi uyathandana noNzima.✓✓ | (2) |
| | 6.1.5 | B.✓/B.Wenza izinto ezelungileyo.✓ | (1) |
| | 6.1.6 | Kungokuba ufunu uNomhi ayeke ukuthanda uNzima athande uDuke.✓✓ | (2) |
| | 6.1.7 | BUBUXOKI kuba noThembi uyatsho ukuba zibuhlungu.✓✓ | (2) |
| | 6.1.8 | USongezile wazixela enkundleni yamatyala ukuba nguye oqhekezileyo wachaza nendlela elimchaphazele ngayo ityala uNzima.✓✓ | (2) |
| | 6.1.9 | (a) EPosini.✓
(b) EGood Year.✓ | (2) |
| | 6.1.10 | (a) (iv) Nzima.✓
(b) (i) Sajini.✓
(c) (iii) Nomhi.✓
(d) (ii) Duke.✓ | (4) |

- 6.1.11 Siyahambelana kuba ibali lingoNomhi owenze isibhambathiso sokohlulwa ziindudumo kabini wasenza noNzima kanti uDuke uthi usenzile nakuye.√√/kuba uNomhi wohlulwe ziindudumo zompu nabantu awayenze izibhambathiso kunye nabo.√√
[Nayiphi kwezi] (2)

KUNYE

- 6.2 6.2.1 NguDuke Junior.√/NguCihoshe.√ (1)
6.2.2 Kungokuba umkhulisele umntwana kodwa ufunu ukukhululwa agoduke amshiye uDuke.√√ (2)
6.2.3 Umfumene ngokuthi ngexesha leholide emva komtshato wakhe noDuke adibane noNzima.√√ (2)
6.2.4 Kungokuba akafuni uNomhi adibane noNzima.√√ (2)
6.2.5 Sive ngezalathisi zeqonga.√ (1)
6.2.6 NguVido√ noNzima.√ (2)
6.2.7 NguDuke ngenxa yemikhwa yakhe.√√

OKANYE

- NguNzima ngenxa yokuba wayengaggibanga ukufunda.√√ (2)
6.2.8 BUBUXOKI, kuba umntwana kaNomhi waphela ehlala nabazali bakhe.√√ (2)
6.2.9 D. USongezile uqhekeze eGood Year Rubber and Tyre Co.√
C. UNzima uyabanjwa.√
B. Itheko lokuthi ndlela-ntle ekholejini.√
A. Umtshato kaNomhi.√ (4)
6.2.10 Uthando lokwenene alunamida.√√
[Nayiphi na impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)

[40]

OKANYE

UMBUZO 7:

- | | | | |
|-----|--------|--|-----|
| 7.1 | 7.1.1 | eDurban.√ | (1) |
| | 7.1.2 | Ungumlawuli wezimali kwezosasazo.√ | (1) |
| | 7.1.3 | 'UYingqwayingqwayi'.√ | (1) |
| | 7.1.4 | UNyikita lutshaba lukaLuwanika.√√ | (2) |
| | 7.1.5 | B√/B. Uhambela kude kuwe.√ | (1) |
| | 7.1.6 | Kungokuba ucinga ukuba nguLuwanika ombele iinkomo zakhe waphinda wamshiyisela entombini ebethandana nayo.√√ | (2) |
| | 7.1.7 | BUBUXOKI ukuba zimnandi kuba uNyikita uthetha izinto ezimbi nezingekhoyo ngoLuwanika.√√ | (2) |
| | 7.1.8 | Waphatheka kakubi eDurban waze uDoyle wamfunela umsebenzi eBisho.√√ | (2) |
| | 7.1.9 | (a) Biggs.√
(b) Doyle.√ | (2) |
| | 7.1.10 | (a) (iv)√/Luwanika.√
(b) (i)√/Nyikita.√
(c) (iii)√/Kasayi.√
(d) (v)√/Sakayire.√ | (4) |
| | 7.1.11 | Siyahambelana, kuba kumayelenqe adlule kuwo uLuwanika uye wawela waqwela ngokuba ngusomashishini ophume izandla. Loo nto ibonakalisa ukuphumelela kwakhe phantsi kwemiqobo ebibekwe phambi kwakhe.√√ | (2) |
| 7.2 | 7.2.1 | NguMwera.√ | (1) |
| | 7.2.2 | Kungokuba ufunu uxolelwaniso phakathi kwakhe notshaba lwakhe.√√ | (2) |
| | 7.2.3 | UKasayi noSakayire bohlula ngokulinganayo amathokazi, iinkabi kunye neemazi ingxaki ibe ngumzi kunye nenkunzi yenkomu abangavumelananga ngazo.√√ | (2) |
| | 7.2.4 | Kungokuba ufunu ukuba bazibophelele kolu xolo aze kulwenza.√√ | (2) |
| | 7.2.5 | Ngokuba umbizele komkhulu.√/Umenze iphakathi lakhe.√
(Nayiphi kwezi). | (1) |
| | 7.2.6 | NguKasayi√ noSakayire.√ | (2) |

7.2.7 NguMwera ngenxa yemikhwa yakhe.√√

OKANYE

NguNyikitha ngenxa yokuba wayengaggibanga ukufunda.√√ (2)

7.2.8 BUBUXOKI, kuba siva ukuba wayenengcinga yokuthenga eyakhe ifama ayithiye iNdawela.√√ (2)

7.2.9 D. Ukugula kukadade boMwera.√
C. UKhanyizire ufumana umsebenzi kwaLever Brothers.√
B. Ukugetyengwa kukaNyikita.√
A. Ukuhlatywa kukaKhasi nguToyi.√ (4)

7.2.10 Sisifundisa ukuba uMwera unenkohlakalo.√√/Sisifundisa ukuba uMwera akasikhathalelanga isizwe sakhe kwaye unolawulo olugwenxa.√√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iyakwamkeleka.] (2)
[20]

AMANQAKU ECANDELO D: 40
AMANQAKU EWONKE: 120